



Ootata bayawenza umahluko!

Ootata badlala indima ebalulekileyo kubomi babantwana babo. Utata womntwana isenokungabi ngutata omzalayo kodwa nguye nabani na ojongwa nophathwa ngulo mntwana njengoyise. Abantwana bakhula kakuhle xa ootata babo bebandakanyeka kwaye benomdla kwimpilontle yabantwana neentsapho zabo. Ayikho indlela "elungileyo" yokuba ootata baphucule ubomi babantwana babo. Basengakwazi ukuba negalelo elihle nokuba abahlali nabo abantwana babo.



Dads make a difference!

Fathers play an important role in the lives of their children. The father of a child is not necessarily the biological father but any person whom the child looks to and treats as a father. Children's development is strengthened when their fathers are actively involved and interested in the well-being of their children and families. There is no "right" way for fathers to enrich the lives of their children. They can still make a positive contribution even if they do not live with their children.

Iindlela ootata abangakha ngayo ubuhlobo nabantwana babo

- ♥ Qala izithethe zentsapho ezingabenza bazive beyinxaleye yentsapho. Ingazizinto ezincinane nje ezinjengokutya kunye yonke imihla okanye ukwenza imisebenzi yekhaya kunye ngeempelaveki.
- ♥ Yibakho nje wena! Bukela abantwana bakho xa bedlala imidlalo okanye uye kubabukela kwimidlalo yesikolo. Le nto ibabonisa ukuba unomdla ebomini babo nakwizinto abaziphumezayo.
- ♥ Balisela abantwana bakho amabali angokuya wawusengumntwana. Okanye ubabalisele amabali owawuwathanda ngokuya wawusengumntwana.
- ♥ Kwenze kube sisiqhelo ukuhlala nabo nize nincokole. Xa usenza le nto, makabe phambi kwakho umntwana wakho ukuze nisoloko nijongene emehlweni, okanye nihlale ngokusondelelana.
- ♥ Bancome qho abantwana bakho ngezinto abazenzayo ukuze bazi ukuba uyaqaphela kwaye uyakhathala.
- ♥ Bonisa abantwana bakho ukuba uyabathanda ngokusoloko ubanga!

Kwanexeshana nje enilichitha kunye likhethekile kwaye linceda nakhe ubuhlobo kwaye nibe nezinto eniya kuhlala nizikhumbula. Nangona eyona nto ibhetele ikukuba ootata babandakanyeke kubomi babantwana babo besebancinane, alipheli ixesha lokuqalisa ukwakha ubuhlobo nabantwana bakho.

Iinzuzo ezibakho xa abantwana benobuhlobo obusondeleyo nooyise

- ☉ Abantwana batsho bazive bethandwa kwaye bekhuselekile.
- ☉ Abantwana bayazihlonela, bazithembe baze bakwazi nangakumbi ukuqhubana nabanye abantu.
- ☉ Abantwana baqhuba bhetele esikolweni.
- ☉ Abantwana bafunda baze babhale bhetele xa ooyise bechitha ixesha befunda kwaye bebhala kunye nabo.

Nootata bayazuza xa bebandakanyeka kubomi babantwana babo

- ★ Ootata baye bazithembe kwaye bazihlonele ngakumbi xa bechitha ixesha besenza izinto ezintle nabantwana babo.
- ★ Baba nobuhlobo obubhetele nabantwana babo.
- ★ Baneliseka nangakumbi njengabazali.



Ways in which fathers can connect with their children

- ♥ Create family rituals that help build feelings of belonging. It can be simple things like eating a meal together every day or doing chores together on the weekend.
- ♥ Just be there! Watch your children play sport, or go to see them in the school play. This shows them that you are interested in their lives and their achievements.
- ♥ Tell your children stories about when you were their age. Or tell them the stories that you enjoyed as a child.
- ♥ Make a regular time to sit together and chat. When you're doing this, face your child so that you can maintain eye contact, or sit close together.
- ♥ Praise your children often for things that they do so that they know you notice and care.
- ♥ Show your children that you love them by giving them lots of hugs!

Even small amounts of time spent together are special and help you bond and make memories. Although it is best for fathers to be involved from early in their children's lives, it's never too late to connect with your children.



The benefits of a close relationship between children and their fathers

- ☉ It helps children to feel loved and secure.
- ☉ It increases children's self-esteem, confidence and social skills.
- ☉ The children do better at school.
- ☉ The children read and write better when their fathers spend time reading and writing with them.

Fathers also benefit from being involved in their children's lives

- ★ Fathers have more confidence and self-esteem when they spend time doing positive things with their children.
- ★ They have a better relationship with their children.
- ★ They experience more satisfaction as parents.



Drive your
imagination

Bhiyozela USuku looTata ngowe-19 kuJuni!
Celebrate Father's Day on 19 June!



IT STARTS WITH A STORY.
KONKE KUQALA NGEBALI.



Imbewu yokuFunda nokuBhala!

Izinto ezingenzelwa abantwana abasesekhishi

Literacy Seeds!

Activities for early childhood development




Bazali nabagcini babantwana abancinane ababekekileyo, eli candelo litsha lohlelo lukaNal'ibali lenzelwe nina ngokukhethekileyo!

Apha niza kufumana inkcazelo namacebiso ngendlela eningafundisa ngayo iintsana nabantwana benu abancinane izicengcelezo, amabali kunye nemidlalo besebencinane kangangoko kunokwenzeka. Ukuthetha nokudlala nabantwana bakho abancinane kubanceda bakhulise ubuchule babo bolwimi nothekelelo kwaye baliqonde ngakumbi ihlabathi elibangqongileyo.

Dear parents and caregivers of young children, this new section of the Nal'ibali supplement is especially for you!

Here you will find information and tips about sharing rhymes, stories and games with your babies and young children as early in their lives as possible. Talking to and playing with your young children help to grow their language skills, imaginations and understanding of the world around them.



Vumela abantwana badlale!



Let the children play!

- Abantwana bakhulisa isakhono sabo sokuthekelela izinto ngokudlala.
- Abantwana basebenzisa uthekelele lwabo xa bethatha ibhokisi bayenze ngathi yimoto baze bayiqhube phantsi. Bangathatha kwalo bhokisi inye bayenze igubu baze bayibethe ngecephe okanye ngezandla zabo.
- Xa abantwana bedlala baye babone izinto eziphawulekayo ngezinto ezibangqongileyo. Ngokomzekelo, baye babone ukuba zeziphi izinto eziqinileyo izeziphi ezithambileyo, nezandi ezingafaniyo ezizenzayo. Bafunda ukuba into xa imile okwebhola iqengqeka lula kodwa akubi njalo xa isisikwere.
- Xa abantwana bedlala bavavanya izinto. Ngokomzekelo, bafunda ukuba kufuneka uxube amanzi angakanani nesanti engakanani ukuze indlu ebunjwe ngodaka ime.
- Bakhuthaze abantwana bakho ukuba badlale ngokubavumela ukuba bakhethe izinto abafuna ukuzenza nezinto abafuna ukudlala ngazo.



- Children develop their imaginations through play.
- Children use their imaginations when they pretend that a box is a car as they push it across the floor. They may use the same box as a drum when they beat it with a spoon or with their hands.
- Through play, children discover the characteristics of the things around them. For example, they discover which things are hard and which are soft, as well as the different sounds that they make. They learn that round shapes will roll around easily but that square shapes will not.
- Through play, children experiment. For example, they learn how much sand and water to mix together so that a sandcastle will keep its shape.
- Encourage your children to play by letting them choose activities and objects to play with.
- Give them enough time to discover ways to use the objects around them in a creative way before you suggest something.
- Most importantly, encourage and praise them for their creative work. Join in their games as you help them to learn language through their games.



Drive your imagination

lingoma, izicengcelezo nemidlalo

Xa abantwana becula kwaye belinganisa iingoma nezicengcelezo okanye bedlala imidlalo, loo nto ibanceda bakhumbule amagama nento abayithethayo. Ngokomzekelo, ezinye izicengcelezo nemidlalo zifundisa abantwana ukuba abizwa ntoni amalungu abo omzimba. Ezinye izicengcelezo nemidlalo zifundisa abantwana indlela yokwenza izinto ezinjengokuzamisa imbiza okanye ukuhlamba ubuso babo.

- lingoma, izicengcelezo nemidlalo ziphuhlisa ubuchule babantwana bokuthetha ulwimi.
- Ukuzenza nabantwana bakho kubenza bakuthembe kwaye kuqinisa ubuhlobo phakathi kwakho nabo bantwana.
- Ukucula, ukwenza izicengcelezo nokudlala imidlalo kubenza bakhululeke abantwana, ukuze kube lula kubo ukufunda.

Abaneminyaka emi-4 nangaphezulu Age 4 years+

Dlalani imidlalo ekhwaza amagama

Kubhetle ume ecaleni komntwana wakho ukuze abone ukuba leliphi icala elilelasekhohlo ileliphilelasekunene.

Lizzy, Lizzy, zamisa isidudu ... ngengalo yasekunene (Shukumisa ingalo yasekunene kuphela ngokungathi uzamisa imbiza enkulu enesidudu)

Lizzy, Lizzy, zamisa isidudu ... ngengalo yasekhohlo (Ngoku shukumisa ingalo yasekhohlo kuphela ngokungathi uzamisa imbiza enkulu enesidudu)

Lizzy, Lizzy, zamisa isidudu ... ngonyawo lwasekunene (Phakamisa unyawo lwakho lwasekunene uze ulushukumise ngokungathi uzamisa imbiza enkulu enesidudu)

Lizzy, Lizzy, zamisa isidudu ... ngonyawo lwasekhohlo (Ngoku phakamisa unyawo lwakho lwasekhohlo uze ulushukumise ngokungathi uzamisa imbiza enkulu enesidudu)

Siphinde esi sicengcelezo.

Songs, rhymes and games

When children say and act out songs and rhymes or play games, it helps them to remember words and their meanings. For example, some rhymes and games teach children what to call their body parts. Other rhymes and games teach children how to perform actions like stirring a pot or washing their faces.

- Songs, rhymes and games develop children's language skills.
- Sharing them with your children builds a sense of trust and strengthens the bond between you and the child.
- Singing, saying rhymes and playing games relax children, so it is easier for them to learn.

Play call-out games to learn about the body

It is best to stand next to your child so that they can see which side is left and right.

Lizzy, Lizzy, stir the porridge ... with your right hand (Move only your right hand as if stirring a big pot of porridge)

Lizzy, Lizzy, stir the porridge ... with your left hand (Now move only your left hand as if stirring a big pot of porridge)

Lizzy, Lizzy, stir the porridge ... with your right foot (Lift your right foot and move it as if stirring a big pot of porridge)

Lizzy, Lizzy, stir the porridge with your left foot. (Now lift your left foot and move it as if stirring a big pot of porridge)

Repeat the rhyme.

Abaneminyaka emi-3 nangaphezulu Age 3 years+

Culani ingoma eneentshukumo ukuze bafunde ngomzimba

Nantsi indlela yokuhlamb' izandla, hlamb' izandla, hlamb' izandla. (Yenza iintshukumo zokuhlamba izandla zakho njengoko ucula.)

Nantsi indlela yokuhlamb' izandla ekuseni kakhulu.

Nantsi indlela yokuhlamb' ubuso, hlamb' ubuso, hlamb' ubuso. (Yenza iintshukumo zokuhlamba ubuso bakho njengoko ucula.)

Nantsi indlela yokuhlamb' ubuso ekuseni kakhulu.

Phinda indawo ethi *Nantsi indlela yokuhlamba iinwele/iingalo/iinyawo.*

Sing a song with actions to learn about the body

This is the way I wash my hands, wash my hands, wash my hands. (Make the actions of washing your hands as you sing.)

This is the way I wash my hands early in the morning.

This is the way I wash my face, wash my face, wash my face. (Make the actions of washing your face as you sing.)

This is the way I wash my face early in the morning.

Repeat with *This is the way I wash my hair/ arms/feet.*

Cela abantwana bakufundise iingoma nezicengcelezo abazaziyo. Fumana izicengcelezo kwiwebhusayithi yethu ethi, www.nalibali.org

Ask children to teach you the songs and rhymes they know. Find rhymes on our website, www.nalibali.org



Iziqhulo zikatata zibi, soz' ungahleki!

Dad's jokes are so lame, you will laugh!



"Kwekhu!" UTata usemoyeni wokuqhula. Usuke ungazi nokuba mawuhlale umamele okanye ubaleke kuba iziqhulo zakhe zibi gqithi. Ngamanye amaxesha zibi kakhulu, kangokokuba iba ngathi angenza esinye! Asikwazi kuzibamba masinibalisele ezi!

"Oh no!" Dad is in the mood to tell jokes. You don't know if you should stay and listen or run away because his jokes are so lame. Sometimes they are so lame, you can't wait to hear the next one! We can't wait to share these ones with you!



Lathini iqanda u-zero kwisibhozo?

Ndicinga ukuba uliqinise kakhulu ibhanti lakho.

What did the zero say to the eight?

I think your belt's too tight.



Yintoni eya isiba manzi okukhona isomisa?

Yitawuli.

What gets wetter the more it dries?

A towel.



Ndifuna ukukuchazela isiqhulo esithetha ngokwakha, kodwa ndisasakha.

I want to tell you a joke about construction, but I'm still working on it.



Lwathini udonga kolunye?

Siza kudibana ekoneni.

What did one wall say to the other?

I'll meet you at the corner.



Yintoni ebomvu kodwa enuka njengepeyinti eblu?

Yipeyinti ebomvu.

What's red and smells like blue paint?

Red paint.



Kwakutheni ukuze uKoos agxothwe kumzi-mveliso weebhanana?

Wayesoloko elahla ezigobileyo!

Why did Koos get fired from the banana factory?

He kept throwing away the bent ones!



Yintoni eziba nayo iindlovu kodwa zingabi nayo ezinye izilwanyana?

Ngamathole eendlovu.

What do elephants have that no other animals have?

Baby elephants.

Kutheni intaka ekuthiwa likholwase iphakamisa umlenze omnye xa imile?

Xa ingayiphakamisa yomibini, iza kuthi daxa phantsi.

Why does a flamingo lift one leg when it stands?

If it lifts both, it will fall down.



Yintoni embi ngaphezu kokufumana umbungu kwiapile yakho?

Kukufumana isiqingatha sombungu kwiapile yakho.

What's worse than finding a worm in your apple?

Finding half a worm in your apple.



Grow your own library.


Create **TWO** cut-out-and-keep books

Octavia and the 8

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

Look out, Luthando!

1. To make this book, use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Yandisa ithala lakho leencwadi.


Zenzele iincwadi EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

UOctavia nesi-8

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

Lumka, Luthando!

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11, nele-12.
2. Gcina iphepha lesi-7 nelesi-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukuze wohlule amaphepha.



“Look how wet you are,” says Mama.
“Khawujonge nje indlela omanzi ngayo,”
kutshe uMama.

“Lumka, Luthando!”
“Yho!” utsho uLuthando
njengoko enyathela
kwisigingqi esinamanzi.

“Look out, Luthando!”
“Haw!” says Luthando as he steps
into a puddle.

Lots more free books at bookdash.org

bookdash

Get story active!

- ★ What does Saturday sound like where you live? How is it different to Monday's sound?
- ★ What is your favourite sound, smell and taste? Draw pictures of the things that you love to hear, smell and taste.
- ★ Some people cannot see. Write a list of things that you would not be able to do if you could not see.

Yenza ibali linike umdla!

- ★ Uvakala njani uMgqibelo kwindawo ohlala kuyo? Wahluke njani kwingxolo yangoMvulo?
- ★ Sesiphi esona sandi, ivumba nencasa ozithandayo? Zoba imifanekiso yezinto othanda ukuziva, ukuzinukisa nokuzingcamla.
- ★ Abanye abantu ababoni. Bhala uludwe lwezinto obungayi kukwazi ukuzenza ukuba ubungaboni.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org

Look out, Luthando!



Lumka, Luthando!

Sue Boucher • Hylton Warburton
• Sinomonde Ngwane

Ideas to talk about: Luthando is very good at listening and very good at smelling, but he's not so good at looking where he is going. He walks into puddles and bumps his head. What could be the problem?

Izinto eninokuthetha ngazo: ULuthando uneendlebe ezibukhali nempumlo ebukhali, kodwa akabukhalanga apha ekujongeni apho aza kunyathela khona. Udla ngokungena kwizigingqi ezinamanzi kwaye angqubeke ngentloko ezintweni. Inoba yintoni ingxaki yakhe?



Drive your
imagination



“Daddy’s home.”
 “How do you know, Luthando?”
 asks Sonto.
 “Utata sele efikile ekhaya.”
 “Uyazi njani loo nto,
 Luthando?” kubuza uSonto.



“Listen!” says Luthando.
 “What do you hear?” asks
 Sonto.
 “Saturday.”
 “What does Saturday sound
 like?”
 “It’s quieter than Friday,”
 says Luthando. “Everyone’s
 still sleeping.”
 “Mamela!” kutsho uLuthando.
 “Uva ntoni?” kubuza uSonto.
 “UMgqibelo.”
 “Uvakala njani uMgqibelo?”
 “Uthe cwaka xa kuthalekiswa
 noLwesihlanu,” kutsho
 uLuthando. “Wonk’ umntu
 usalele.”



“Look, a puddle!” says Luthando.
 “Jonga, isigingqi esinamanzi!” kutsho
 uLuthando.

Too late!
 Akusancedi!




Kugqitha isithuthu
sibaleka.
“Indlebe zakho
zibukhali, Luthando.”

A motorbike zooms past.
“You’re very good at hearing,
Luthando.”



“I can smell his cooking,” says Luthando
sniffing the air.
“You’re also good at smelling,” Mama says.
“Ndi kuva ngevumba ukutya akuphekileyo,” kutho
uLuthando esezela emoyeni.
“Neempumlo zakho zibukhali,” kwatsho uMama.



“Don’t...”
“Unga-...”



“There’s no motorbike,” says Sonto, looking all around.
 “Akukho sithuthu nje,” kutsho uSonto, ebhekabheka.




“I must fix Gogo’s gate today,” Daddy says.
 “Kufuneka ndilungise igeyiti kaMakhulu namhlanje,” kutsho uTata.



“Look out, Luthando!”
 “Ouch!”
 “Watch where you’re walking,” Mama says.
 “Luthando’s not so good at looking,” says Sonto.



“Lumka, Luthando!”
 “Shui!”
 “Yijonge indawo ohamba kuyo,” kutsho uMama.
 “Uluthando akalochule ekujongeni,” kutsho uSonto.



Octavia went looking for her friends near the sea shelf –
and got swept right over the edge!
In her fright, Octavia squirted out a stream of jet-black
ink. All three of her hearts were beating hard, and it felt
like her stomach had flipped inside out.
“Help!” she cried.
UOctavia wahamba eyokhangela abahlobo bakhe
kufuphi nomda wolwandle – waze watyhaleleka
ngaphaya komda!
Ngomothuko, uOctavia watsazisa umsinga weinki
emnyama. Zontathu iintliziyo zakhe zazingongoza
ngamandla, kwaye wayeziva ngathi isisu sakhe
sigqulelekele ngaphandle.
“Ncedani!” wakhala.

She would wait for them on the edge of the shelf, gazing
into the deep dark until she saw their bright colours
coming out of the gloom.
One stormy day, the water was very wild.
W ayebalinda apha ekupheleni komda, ethe
ntshoo kule nzonzobila de abone loo mibala yabo
iqaqambileyo isithi thuu kobo bumnyama.
Ngenye imini eyayivuthuza, amanzi avelwatyuza.

This story is an adapted version of **Octavia and the 8**, published by Cadbury in partnership with Nal'ibali as part of the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative. Each story is available in the eleven official South African languages. To find out more about the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative titles, go to <https://cadbury.one/library.html>.

Eli bali luhlelo olutshintshiweyo luka**Octavia nesi-8** olupapashwe nguCadbury esebenzisana noNal'ibali njengenxalenye yephulo likaCadbury Dairy Milk #InOurOwnWords. Ibali ngalinye lifumaneka ngeelwimi ezisemthethweni ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze wazi ngemixholo yephulo likaCadbury Dairy Milk #InOurOwnWords, yiya ku-<https://cadbury.one/library.html>.

Get story active!

- ★ Read the story again and make a list of all the things that are found in the ocean.
- ★ Make a blank fish-shaped book or ask an adult to make it for you. Write and illustrate a story about life in the sea in the book. Or draw the pictures and ask an adult to write the words you tell them.
- ★ Paint the inside of a box blue and then create a small underwater world using shells, pebbles and sea creatures and plants that you have made from recycled materials and coloured paper.

Yenza ibali linike umdla!

- ★ Lifunde kwakhona ibali uze wenze uluhlu lwazo zonke izinto ezifunyanwa kulwandlekazi.
- ★ Yenza incwadi engabhalwanga emile okwentlanzi okanye ucele umntu omdala akwenzele. Bhala kwaye ubonise ibali elimalunga naphantsi kolwandle encwadini. Okanye zoba imifanekiso uze ucele umntu omdala akubhalele amagama omxelela wona.
- ★ Peyinta umphakathi webhokisi luhlaza okwesibhakabhaka uze wenze izinto ezincinci ezihlala phantsi kwamanzi usebenzisa amaqokobhe, iingqalutye kunye nezidalwa nezityalo zaselwandle ozenze ngemathiriyeli ebisetyenzisiwe yaze yalungiswa ukuze isetyenziswe kwakhona kunye nephepha elimibalabala.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org



Drive your
imagination

Octavia and the 8




UOctavia nesi-8

Jacqui L'Ange • Julie Smith-Belton

Ideas to talk about: Octavia was scared to go out further than the edge of the sea shelf. What are you scared of? What can you do to feel better when you feel scared? Please share a moment when you were scared and someone or something helped you.

Izinto eninokuthetha ngazo: UOctavia wayesoyika ukuphuma aye ngaphaya kwesiphelo songqameko lolwandle. Yintoni oyoyikayo? Yintoni ongayenza ukuze uzive bhetele xa uziva usoyika? Khawuncede usixelele ngexesha owawusoyika ngalo waze wancedwa ngumntu okanye yinto.



Octavia the Octopus lived in the kelp forest, in the cool, clear waters on the edge of an African shore.

Octavia loved her garden, because she had a special trick – she could change her colour to match whatever she was resting on. She could even change her skin to look rough like stones, or spiky like coral.

UOctavia ingwane wayehlala kwihlathi lembuyambuya enkulu yolwandle, emanzini abandayo acocekileyo ngaseludongeni lonxweme lweAfrika.

UOctavia wayeyithanda igadi yakhe, kuba wayeneqhinga elikhethekileyo – wayekwazi ukutshintsha umbala wakhe ufane naloo ndawo aphumle phezu kwayo. Wayekwazi nokutshintsha ulusu lwakhe lube rhabaxa njengamatye, okanye lube nameva njengekhorali.



When they found the perfect spot, Ray spread out his wide fins to shelter them from the storm currents, and they all cuddled up, happy to be together.

Bathi bakufumana indawo efanelekileyo, uRay wanabisa amaphiko akhe ukuze abakhusele kuqhwithela lwamaza, baze bonke bazisonga, bevuyela ukuba ndawonye.

In the dark, she felt something catch hold of one of her tentacles. It was curved and smooth.

Kobo bummyama, weva into ebamba olunye lweempondwana zakhe zokuva. Yayibugopherha kwaye igudile.

"I've got you!" said Khalo the crab. "Ndikufumene!" watsho uKhalo umonkala.

"Me too!" said Stella the starfish, attaching her pointy arm to another tentacle. "Nam ngokunjalo!" watsho uStella intanzi eyinkwenkwezi, ebamba olunye uphondwana lokuva ngaloo ngalo yakhe inameva.

"Me three!" said PJ the pyjama shark. "Nam owesithathu!" watsho uPJ ukrebe oyipijama.

One by one, her friends swam up out of the dark and each caught hold of a tentacle. Octavia held on tight and let them guide her back to her garden.

Ngabanye ngabanye, abahlobo bakhe badada baphuma kobo bummyama kwaye emnye kubo ebambe uphondwana lokuva. UOctavia wabambela nkiq wawuma bamkhokelele egadini yakhe.


This made her especially good at playing hide-and-seek, because her friends could never find her! But she always stopped when she came to the sea shelf. This was where the seabed dropped away into the deep, deep dark. "I like to be where I can hold on to something," she told her eight best friends.

Oku kwamenza wayincutshhe ekudaleni undize, kuba abahlobo bakhe babengakwazi tu ukumbhaga! Kodwa wayefika eme qho xa efika ngasekupheleni komda wolwandle. Le yindawo apho intsele volwandle yayisehlela ezantsi, enzonzobileni. "Ndiyakuthanda ukuba sendaweni apho kukho into endiza kukwazi ukubambela kuyo," waxelela abahlobo bakhe abasenyongweni abasibhozo.




“Look, Gogo!”
 “You have glasses,” says Gogo, clapping
 her hands. “How wonderful. Tell me
 what you see.”

“Makhulu, jonga!”
 “Unezipeksi,” kutsho uMakhulu,
 eqhwaba izandla. “Intle loo nto.
 Khawutsho ke ubona ntoni.”



“I hear a motorbike,” says Luthando.
 “Ndiva kuduma isithuthu,” kutsho
 uLuthando.



“An ice cream for anyone who helps me
 carry the shopping home,” Mama says.
 “We’ll help you, Mama,” say the children.

“Wonke umntu ondiphathisayo iibhegi
 ezinezinto ezithengiweyo azise endlwini uza
 kufumana iayisi khrimu,” kutsho uMama.
 “Siza kukuphathisa, Mama,” batsho
 abantwana.





“What do you see, Luthando?” asks the friendly woman.
Luthando squeezes his eyes together.
He sees black squiggles on the wall.
“Ubona ntoni, Luthando?” kubuza elinye ibhinqa elinobuhlobo.
Uluthando uncina amehlo akhe. Ubona amarhopholo amnyama edongeni!




“Look out, Luthando!”
“Hawu!”
“You’re so funny,” Sonto says.

“Lumka, Luthando!”
“Yhoo!”
“Uyandihlekisa yhazi,” kutsho uSonto.

He looks through a pair of glasses.
“I see letters,” he says.
“Excellent!”

Uwajonga esebenzisa izipeksi.
“Ndibona oonobumba,” utsho.
“Heke!”



#myWRAD2023

USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lowama-2023



World Read-Aloud Day 2023

Sibamba ngazibini ngokunceda
uNal'ibali afundele abantwana
abazizigidi ezi-2,1!

Thank you for helping
Nal'ibali read to 2,1 million
children!

Nyaka ngamnye ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo
lweHlabathi, uNal'ibali ukhumbuza wonke umntu ohlala
eMzantsi Afrika nakwamanye amazwe ngeenzuzo
ezifunyanwayo xa kufundelwa abantwana ngokuvakalayo.
Nisancedile senza abantwana abangakumbi bawathanda
amabali nokufunda nyaka ngamnye.

Each year on World Read-Aloud Day, Nal'ibali
reminds everyone who lives in South Africa and
beyond about the benefits of reading aloud to
children. You've helped us spread a love of stories
and reading to more and more children each year.



- ★ Kufundelwe abantwana abangaphezu
kwezigidi ezi-2.
- ★ Abantwana abaninzi bafundelwe kumaqela
entsapho kunabo bafundelwe ezikolweni
nakwezinye iimbutho.
- ★ Ngama-84% abantu abaye basabela
kuhlolo-luvo lwethu nabangathanda
ukufumana amabali angakumbi.
- ★ Kwenziwe izibhambathiso ezingama-50%
kumakhasi ethu ewebhusayithi, kaFacebook
okanye kwawamajelo okuncokola.



- ★ Over 2 million children were
read to.
- ★ More children were read to in
family groups than at schools or
other gatherings.
- ★ 84% of the people who answered
our survey would like to receive
more stories.
- ★ 50% of pledges were made on
our website, Facebook or social
media pages.

Research shows
that families who
take part in World
Read-Aloud Day
programmes make
a habit of reading
and sharing stories
and that, when
family members
can read and write, it helps to
break the cycle of poverty.

Uphando lubonisa
ukuba iintsapho
ezithatha inxaxheba
kwiinkqubo
zoSuku lokuFunda
ngokuVakalayo lweHlabathi
zikwenza kube sisighele
ukufunda nokubaliselana
amabali nokuba, xa
amalungu entsapho ekwazi
ukufunda nokubhala, loo
nto iwanceda abhungce
kubuhlwempu.

Ngenxa yokubaluleka kokufunda
ngolwimi lweenkobe, incwadi
ethi *Usuku ngalunye lunebali lalo*
ebhalwe nguTumisang Shongwe
yenziwe yafumaneka ngeelwimi
ezisemthethweni ezili-11 zaseMzantsi
Afrika kanti nangeNtetho Yezandla
YaseMzantsi Afrika ngenxa
yentsebenziswano kunye nabakwa-
SLED (Sign Language Education and
Development).



Because of the importance
of reading in one's mother
tongue, Every day's a story
by Tumisang Shongwe
was made available in the
11 official South African
languages as well as
in South African Sign
Language thanks to a
partnership with SLED (Sign
Language Education and
Development).



Izimvo zenu... What you said...



Eloise Gordon

Indlela elimnandi ngayo eli bali! Ndlifunde ngokuvakalayo kwiEmmanuel Educare eseWestlake nakwezinye izikolo neekhishi ezininzi. Bekumnandi kwaye iyinto ebukekayo. Abafundi beencwadi banamhlanje ziinkokeli zangomso. Phambili ngalo msebenzi mhle, iqela lakwaNal'ibali eWestlake.

Eloise Gordon

What a beautiful story! I read it aloud at Emmanuel Educare in Westlake and lots of other schools and educares. It was a wonderful and beautiful experience. Today's readers are tomorrow's leaders. Let's keep up the good work, Team Nal'ibali Westlake.



Samke Sam Ndlovu

Ndiye ndafundela abantwana endibafundisayo ngokuvakalayo kwiZiko le-ECD eliseThamboville. Side safumana nombona ofana nowasefama.

Samke Sam Ndlovu

Read aloud to my students at Thamboville ECD Centre. We even found some mealies like they had on the farm.



Neo Manene

Limnandi ngenene eli bali. Ngomso ndiza kube ndisenza u-'Make and bake', kuba abantwana endibafundisayo bebengawulali umlomo zizikonsi zikaMakhulu.

Neo Manene

What a beautiful story. Tomorrow will be making 'Make and bake', as my learners couldn't stop talking about Gogo's scones.



Deborah Cockrell

ESlovo Centre of Excellence naseToy Library, kule minyaka isixhenxe idlulileyo, nyaka ngamnye iphulo leWRAD belisungula iinkqubo zethu zekhalenda yonyaka ... Sinibonile nikhula nyaka ngamnye ibe sininqwenelela ukuba niqhubeke niphumelela njengoko sikhuthaza ubuchule bokufunda nokubhala kuzo zonke iikona zeli lizwe lihle. Siwathanda ngenene la mabali, imifanekiso emihle, amacebiso anikezwayo ukuze kukhuthazwe ukudlala nokufumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ukuze zifunyanwe ngabantu abangafaniyo kwaye kuqakwe wonke umntu ngolu suku lukhethekileyo.

Deborah Cockrell

At Slovo Centre of Excellence and Toy Library. For the past seven years, the WRAD campaign has kickstarted our programmes for the annual calendar each year ... We have seen you grow each year and wish you continued success as we encourage literacy skills in every corner of this beautiful country. We simply love the stories, the beautiful graphics, the tips given to encourage play activities and the incredible availability of all official languages encouraging diversity and inclusion on this special day.

Contact us in any of these ways: • **Qhagamshelana nathi nangayiphi na kwezi ndlela zilandelayo:**

f nalibaliSA

@nalibaliSA

@nalibaliSA

info@nalibali.org





Ingcongconi nephela



Libhalwe nguMadikapi Pulane Mahlasela ■ Imizobo izotywe nguMagriet Brink noLeo Daly

Ngobunye ubusuku basehlotyeni obabushushu, iphela lathi chu linqumla itafile yasekhithini. Lalisitya iimvuthuluka zesonka ezazisasazwe kulo tafile yintsapho yalapho, ngoku eyayilele yoyi kwiibhedi zayo. Kuthe kusenjalo leva isandi. *Tzzzz, Tzzzz!*

"Yinton' leyo?" labuza iphela. Lalaqaza kodwa alabona nto. Laphinda lasiva kwakhona. *Tzzzz, Tzzzz!* "Ngubani lo wenza le ngxolo icaphukisayo?" lasebeza latsho iphela.

"Ndiyingcongconi," laphendula ilizwi. "Ungubani wena? Ibe kutheni usebeza nje?"

Iphela lajongajonga. "Uphi?" labuza. "Umel' ukuba umncinci nyhani kuba andikuboni. Ndiyathemba uyazi ke ukuba ndim ophetheyo apha."

Ingcongconi yahlala etafileni kufutshane nephela. "Nguwe ophetheyo?" yatsho ingcongconi ngelizwi elinyembayo.

Iphela alizange liyithande tu ke le into. "Ndim ophetheyo apha. Xa abantu bendibona ndisitya ukutya kwabo, bayakuyeka bangabi sakutya. Kuba kokwam, nto leyo ebonisa ukuba bayandihlonela kwaye bayandoyika," laqhayisa latsho iphela.



Emva koko lajika layifulathela ingcongconi lahamba laya ngasesinkini apho kwakukho izitya ezimdaka laza laqalisa ukutya ukutya okusele ezipleyitini.


Lonke elo xesha, ingcongconi yayilithe ntsho iphela. Emva koko yabhabha yayikeleza intloko yephela, isenza isandi sayo lonke elo xesha. "Ukuba nguwe ophetheyo, kutheni ke usitya ukutya abakushiyeleyo?" yabuza ingcongconi.

Iphela laphekuza ngomlenze walo ongaphambili ukuze ligxothwe ingcongconi, kodwa ingcongconi yaqhubeka itswina ijikeleza iphela. Ekugqibeleni, iphela lathi, "Khawuyeke ukwenza le ngxolo inezothwe torho? Xa abantu bengasibhaqa, baza kusityumza sobabini."

"Mna andiboyiki abantu!" yaphendula ingcongconi. "Ndiyabaluma ndize ndimfifithe igazi labo. Xa bezama ukundityumza, ndiyaphepha ndize ndiphele emehlweni. Xa kanye becinga ukuba ndimkile, ndiyabuya! Inxolo endiyenzayo iyabaphambanisa. Bazigquma ngeengubo naxa kutshisa. Ibe xa ndibalumile, baba nezigxala ezirhawuzela kakhulu." Emva koko ingcongconi yagigitheka ayayeka.

Ngesiquphe kwabakho umntu okhanyisa isibane sasekhithini. Indoda ethile yahamba yaya esinkini ekhithini yaza yazalisa iglasi ngamanzi etepu. Iphela lakhawuleza laya kuthi tshwa kuthanda olusemva komnyango lazifihla.

Ingcongconi yayibonakala ingenaxhala tu yona. Yenza isandi sayo esitswinayo, ibhabha isiya ngapha nangapha iphinde ijikeleze le ndoda njengoko yayisela amanzi. Ekuqaleni, le ndoda yazama ukuyiphekuza iyigxothwe le ngcongconi ngesandla sayo. Kodwa, le ngcongconi yaqhubeka isenza isandi sayo ijikeleza intloko yale ndoda. Le ndoda yaya icaphuka ngokucaphuka de yayiphekuza ngamandla ngesilipasi sayo. Kodwa ingcongconi yayiphephaphepha nje izolile ijikeleza intloko yayo, isenza isandi sayo esilizothe. Ekugqibeleni, le ndoda yancama, yacima isibane yaza yabuyela ebhedini.



"Kubhetele ndihlale kule ndawo ndizifihle kuyo," lacinga latsho iphela. "Andiyazi nale ngcongconi ukuba iyephi kwaye andiqinisekanga nokuba kukhuselekile na ukuphuma."

Lazinceda ngokuhubeka lizifihlile kuba ingcongconi yayibhabhe yaya kwigumbi labantwana yaza yenza isandi sayo kufutshane neentloko zabo. "Tata!" wakhwaza omnye umntwana. "Kukho ingcongconi egumbini lethu. Sicela uze kusinceda."

Kwavuka yonke intsapho, ibe kungekudala wonke umntu wayebhuqa kwigumbi ngalinye bephethe imiqamelo nezilipasi, belungele ukubetha loo ngcongconi. Kodwa ke, qho kukho umntu oyibhaqayo, yayivele iphephe ize iphele emehlweni. Yaqhubeka le nto, kodwa ekugqibeleni, abantu bancama. Babuyela ezibhedini baza bazigquma iintloko ngeengubo zabo, nangona kwakutshisa kakhulu.

Ingcongconi yabhabha yaza yabuyela ekhithini, iphela laphuma kwindawo elalizifihle kuyo. "Yho, hayi undoyisile," latsho libhekisa kwingcongconi. "Ububaphehluzelisa bonke aba bantu bezama ukukubamba, kodwa akukho nomnye okwazileyo."

"Bendikuxelele ndathi andoyiki mntu mna. Yitsho ke, ucing' ba ngubani oyena uphetheyo ke?" yabuza ingcongconi.

"Nguwe kaloku!" laphendula iphela. "Umnncinci unjalo, kodwa uboyisile abantu."

"Ndiyavuya ke xa sivumelana ngalo nto," yatsho ingcongconi ngokuzingca. "Ukususela ngoku ke, uze undibize xa abantu bekusokolisa."

"Ndiza kwenjenjalo, enkosi kakhulu," laphendula iphela njengoko lalikhawuleza liyokukhangela okunye ukutya okuseleyo.

Ukususela loo mini, iphela nengcongconi zaba ngumtya nethunga zaza zasebenzisana ekucaphukiseni abantu kangangoko zinako!

Yenza ibali linike umdla!

- ★ Khawucinge ngazo zonke izidalwa ezicaphukisa abantu: iingcongconi, iimpukane, amaphela nazo naziphi na ezinye ozaziyo. Sesiphi esona sicaphukisayo? Kutheni usitsho?

- ★ Bhala umbongo ngesinye okanye ngezingakumbi kwezi zidalwa zingasentla. Cinga ngenkangeleko yazo, indlela ezihamba ngayo, izandi ezizenzayo nezinto ezizenzayo ezicaphukisa okanye ezoyikisa abantu.
- ★ Ziyilele esakho isinambuzane! Sizobe isinambuzane sakho. Bhala ukuba sikhulu kangakanani, sitya ntoni nokuba senza eziphi izandi.



Drive your
imagination



The mosquito and the cockroach



Story
corner

By Madikapi Pulane Mahlasela ■ Illustrations by Magriet Brink and Leo DalyThorne

One hot summer night, a cockroach walked slowly across the kitchen table. He ate the breadcrumbs strewn across the table by the family, who were now fast asleep in their beds. Then he heard a sound. *Bzzzz, bzzzz!*

"What's that?" asked the cockroach. He looked around but couldn't see anything. Then he heard it again. *Bzzzz, bzzzz!* "Who's making that irritating sound?" the cockroach whispered.

"I'm a mosquito," answered a voice. "Who are you? And why are you speaking so softly?"

The cockroach looked around. "Where are you?" he asked. "You must be very small because I can't see you. I hope you know that I am the boss here."

The mosquito landed on the table near the cockroach. "You are the boss?" said the mosquito in a mocking tone.

The cockroach did not like this at all. "I *am* the boss here. If the humans find me eating their food, they don't eat it anymore. It becomes mine, which shows that they respect and fear me," boasted the cockroach.

Then he turned his back on the mosquito and walked over to the sink where the dirty dishes were and started eating the leftovers on the plates.




All this time, the mosquito watched the cockroach very carefully. Then she flew around the cockroach's head, buzzing all the time. "If you are the boss, why do you eat their leftover food?" asked the mosquito.

The cockroach waved his front leg to try to get rid of the mosquito, but the mosquito kept buzzing around the cockroach. Eventually, the cockroach said, "Can you please stop making that horrible sound? If the humans find us, they will squash us both."

"I don't fear the humans!" answered the mosquito. "I bite them and drink their blood. When they try to squash me, I dodge and swerve and disappear. And just when they think I have gone, I come back! The noise I make drives them crazy. They cover themselves with blankets even when it is hot. And when I bite them, it makes a very itchy bump." Then the mosquito laughed and laughed.

Suddenly, someone switched on the kitchen light. A man walked to the kitchen sink and filled a glass with water from the tap. The cockroach quickly dashed into a crack behind the door to hide.



The mosquito didn't seem worried at all. She made her buzzing noise, flying here and there and all around the man as he drank the water. At first, the man tried to wave the mosquito away with his hand. But still, the mosquito buzzed around his head. The man became more and more irritated until he was waving his slipper around in a frenzy. But the mosquito calmly zigzagged around his head, buzzing her irritating buzz. In the end, the man gave up, turned off the light and went back to bed.

"I think I'll stay in my hiding place a bit longer," the cockroach thought. "I don't know where the mosquito went and I'm not sure that it is safe to come out."

And he was right to stay hidden because the mosquito had flown into the children's room and was buzzing around their heads. "Dad!" one of the children shouted. "There is a mosquito in our room. Please come and help us."

This woke the whole family, and soon everyone was searching each room with pillows and slippers, ready to swat the mosquito. But of course, every time someone saw the mosquito, it would simply dodge and swerve and disappear. This went on for some time, but eventually, the humans gave up. They went back to bed and pulled their blankets over their heads, even though it was much too hot for that.

When the mosquito flew back into the kitchen, the cockroach came out of his hiding place. "Wow, I'm impressed," he said to the mosquito. "You had all those humans running around trying to catch you, but not one of them could."

"I told you that I fear no one. Now tell me, who do you think the real boss is?" asked the mosquito.

"It is definitely you!" answered the cockroach. "You may be tiny, but you defeated the humans."

"I am glad we can agree on that," said the mosquito proudly. "From now on, you can call me if the humans give you any trouble."

"I will, thank you very much," answered the cockroach as he scuttled off to find more food scraps.

From that day on, the cockroach and the mosquito became best friends and they worked together to annoy the humans as much as they could!

Get story active!

- ★ Think about all the creatures that irritate humans: mosquitos, flies, cockroaches and any others that you know. Which one is the most annoying? Why do you think so?

- ★ Write a poem about one or more of the creatures above. Think about how they look, how they move, the sounds that they make and the things that they do that annoy or frighten humans.
- ★ Make up your own insect! Draw your insect. Write down how big it is, what it eats and what sounds it makes.




Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Nal'ibali fun



1.


Khangela igrogo engafaniyo nezinye kumqolo ngamnye.
Find the bug that is the odd one out in each row.



2.

UPriya ebethembise umnakwabo, uRahul, ukuba uza kumfundela incwadi. Ungamnceda umse kuye?

Priya promised her younger brother, Rahul, that she would read to him. Can you help him get to her?



3.

Lungisa aba nobumba balandelelane kakuhle ukuze ufumane amagama ezidalwa ezintlanu zaselwandle nelesityalo esinye zaselwandle eziku Octavia nesi-8.

Unscramble the letters to find the names of five sea creatures and one sea plant in Octavia and the 8.

okunalan

winnega

lihokira

bureke

byibyumamua

kywinklwai teninzezi

rcba

cuotpos

oarcl

hrska

lekp

saihfrst

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

www.nalibali.org

[f nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Mosekola Solutions. Nal'ibali character illustrations by Rico.

UMLAZI
EYETHU

POLOKWANE
OBSERVER



Drive your
imagination

